PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA IZIMVO ZAKHO

## UMTHETHO OYILWAYO WEZOMTSHATO [B 43 – 2023]

### IKHWELO LOKUNGENISWA KWEZIPHAKAMISO NEZIMVO

IKomiti yeMicimbi yeSebe lezeKhaya imema amahlakani, abantu abanomva nemibutho ukuba benze iziphakamiso ezibhaliweyo ezimalunga **noMthetho-siHlomelo oYilwayo wezoMtshato [B 43 - 2023]** owathiwa thaca ePalament ngomhla we-13 kweyoMnga 2023.

**Injongo yalo Mthetho uYilwayo yile:**

Ukubonelela ngokuqatshelwa kwemitshato; ukubonelela ngeemfuno zemitshato yomntu omnye kunye nesithembu; ukubonelela ngokuchongwa kwamagosa emitshato; ukubonelela ngomsitho nokubhaliswa kwemitshato; ukubonelela ngeziphumo zobunini kunye nokuchithwa kwemitshato; ukubonelela ngamatyala nezohlwayo kunye nokubonelela ngemiba ehambelana noko.

Umhla wokugqibela wokungeniswa kweziphakamiso ngumhla **wama-17 kuCanzibe 2024** ngentsimbi yesine malanga. Ikopi yomthetho oyilwayo ingafumaneka kweli khonco lilandelayo:

**https://www.parliament.gov.za/storage/app/media/Bills/2023/B43_2023_Marriage_Bill/b43-2023-marriage-bill.pdf**

Iziphakamiso zingathunyelwa ngqo kuNobhala weKomiti, uMnu Eddy Mathonsi kule dilesi ye-imeyile ilandelayo: **MarriageBill@parliament.gov.za** Ukufumana ingcaciso qhagamshelana noMnu Mathonsi kule nombolo yeselula 083 709 8523

**Ikhutshwe ngoHloniphekileyo uNks MS Chabane, iLungu lePalamente, uSihlalo: weKomiti yeMicimbi yeSebe lezeKhaya**

**IPalamente - Ukulandelela izibophelelo zethu kuBantu - Ukwenza ikamva lakho lisebenze ngcono**